



Isalathiso: 20211103-7320  
Inombolo yefayili: 12/2/13  
Imibuzo: C Klopper

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0020/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Isikhokelo seemviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe kumaBakala 10-11**

1. ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe iDBE) lapapasha isikhokelo seemviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe (*controlled tests*) kumaBakala 10–11 kwizifundo ezikhethiweyo ngowe-27 Oktobha 2021.
2. Esi sikhokelo sinokunika izikolo iingcebiso nenkxaso ngokuphunyezwa kweemviwo ezibhalwa kumsebenzi osele ufundisiwe.
3. ISebe i-DBE libonelele ngolu xwebhu: **2021 Guidelines for Controlled Tests Grades 10-11 (FET)**, oluhamba nale ngcaciso imfutshane.
4. Ukuba isikolo siqwenela ukuqhuba inkqubo yoviwo olupheleleyo (full-scale examination), kufuneka sazise umlawuli wesithili ukufumana imvume yoku ngokuxhomekeke ekubeni ulandelwa mbo umlinganiselo wokubalwa kwamanqaku ngesifundo ngasinye kwakunye neemfuno ezimiseliweyo zokudlulela kwesinye isigaba nezokupasa ezicaciswe liSebe i-DBE ukwenzela u-2021.

5. Kucelwa nazise ngokuqulethwe kule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala nabafundi abasesikolweni sakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**

**UMHLA:** 2021-11-04